

WOH 244

INGQEQUESHO _ NDITHANDAZELA NTONI ?

Ezobomi : Abantwana bam bandimisela ingqondo

Ezomphefumlo : Ndithandazela ntoni ?

Isihloko Esiyintloko : Unxulumano / Usapho

Isihlokwana : Ubuzali

Isiqulatho sezobomi : Ukuqeqesha abantwana ngendlela eyakhayo neluncedo

Isiqulatho sezomphefumlo : Singahlaziya unxulumano lwethu noThixo ngomthandazo kwaye singamcela asincede.

Ingongoma sifundo : UThixo ufuna ukuthetha nathi emthandazweni kwaye ufuna ukuba ngumhlobo wethu.

THANDEKA : Mama

THUMEKA : Ewe sithandwa

THANDEKA : Wenza ntoni ?

THUMEKA : Ndibhalela umakazi uPhumla incwadi.

THANDEKA : Ngoba ?

THUMEKA : Ndifuna ukumbulela ngesipho seKrismesi andiphe sona.

THANDEKA : Kutheni ?

THUMEKA : Kaloku yinto entle ukubulela xa uphiwe into.

THANDEKA : Ngoba ?

THUMEKA : Injalo ntombazana . Kha undiyeke ndigqibezele ukubhala.

THANDEKA : Kulungile... mama....

THUMEKA : (ebefunyeka) Ewe

THANDEKA : Ndilambile !

THUMEKA : Ulamba njani sigqiba kutya isidlo sakusasa.

THANDEKA : Ndilambile ke.

THUMEKA : Linda kancinci ndigqibezele apha , ndizakupha iqebengwana.

THANDEKA : Ndilifuna ngoku , ndilambile

THUMEKA : Nceda ndiyeke ndigqibe ukubhala ileta yam....

THANDEKA : Mna ndifuna iqebengwana ngoku...

THUMEKA : Kulungile ke ...oku kokuba uthule sibe seluxolweni.

THANDEKA : Mama

THUMEKA : Yintoni ngoku ?

THANDEKA : Ndinga into eselwayo....

THUMEKA : (ebefunyeka) Asoze ndigqibe ngale ncwadi ...

UMCULO

THANDOKAZI : Molo , wamkelekile kwenye kwakhona inkqubo iAmanenekazi eThemba , Thembelihle , ndisahleka incoko kamama nentombi esivule nayo inkqubo. Ilixabiso le mizuzu neh !

THEMBELIHLE : Kuwe Thandokazi ivakala nje ngento yokugcinwa kuba awukabi nabantwana ! Ngumama yedwa onokuyazi indlela ephuthisa ngayo le ndima yokubuzwa buzwa kungayekwaUza kubona kwabakho.

THANDOKAZI : Masithi nje unyanisile . Umama usebenza nzima kakhulu , akunjalo . Kuthi kuphela imini abe edinwe eyimfe. Angashiyeka engenawo nasecepheni amandla okwenza izinto ezifana ...

THEMBELIHLE : Nokuchitha amanzi , ubumdaka bomgangatho njeee, imibuzo engapheliyo ngezinto ezingenamsebenzi... kwanele nje ukumphambanisa umama.

THANDOKAZI : Ukuba wakha waziva nje ngalo mama, awuwedwa. Namhlanje simeme elinye inenekazi elazi mhlophe ukuba kunjani na ukujongana neengxaki ezininzi ngexesha . Uyazi ukuba kunjani ukuzibhaqa ukuloo meko , uze namacebo awasebenzisayo xa abantwana bakhe bemphambanisa.

THEMBELIHLE : Makhe sive kuye mphulaphuili.

UMCULO

THANDOKAZI : Undwendwe lwethu ke nguNwabisa, wamkelekile Nwabisa.

NWABISA : Enkosi Thando. Kuhle ukuba kule ndawo. Ndicela ukuzihlambulula kuqala. Abantwana bam bayandiphambanisa , nantso into ke mhlobo wam. Ukhe uve umntu athi" le meko indihluthula intloko " ndim lowo ke . Ngamanye amaxesha ndikhe ndifune ukwenza izinto ezingabhadlanga , nje ngokubaleka ndijikeleze ibala elijikeleze indlu yam , ndimemeze ndilikhuphe ilizwi lam kangangoko. Ndikhe ndicinge nangokubalekela estalatweni ndikhwaze ndithi " yhu anxisakwazi nokunyamezela ngoku " xa kulapha sukube ndingasakhathalele nabamelwane , nokuba bangathi ndiphambene . Xa benokutsho ngam , abanakuba kude nenyano.

THANDOKAZI : (ehleka) Hayi le iyahlekisa, Nwabisa , kodwa ayimelanga kuhlekisa nyhani xa ingabantwana bakho abakufaka kule nyoba.

NWABISA : Mandikuxelele ukuba ingqondo yam ifike njani kule meko yokuphazamiseka ngamaxesha athile obunzima. Abantwana bam uMvikeli noLudwe badlamkile. UMvikeli uneminyaka elishumi aze uLudwe abe nesixhenxe. Unyana wam uLudwe unobulwelwe kuba akafundi izinto ngexesha elifanayo nabanye. Unesifo esimbangela ukuba athande ukuba yedwa , sesinye sezifo zengqondo , sibizwa ngokuba yi "autism" ngelasemzini. Kunzima ukumgcina wedwa umntwana ophila nesi sifo, udinga amandla ongezekileyo nomonde. Ndiyamthanda kakhulu unyana wam uLudwe , kodwa xa engalaweuleki ndiyaziva ukuba imivakalelo yam uba kuyo yonke indawo , ndiba nokuxhalaba . Unento athanda ukuyenza uLudwe , eyokujika yonke into endiyenzileyo ayenze efunwa nguye , umzekelo , ukuba ndigalela isiselo eglasini , yena ngoko nangoko uyasichitha . Ukuba ndisonga impahla ehlanjiweyo , yena uyijula phantsi isasazeke. Ukuba ndixhoma into yena uyayitsala iwe. Le nto iyandiphuthisa kuba ndizibona

ndichitha ixesha elininzi ngemini ndisenza into enye kaninzi kuba kaloku uLudwe umosha yonke into endiyenzayo , ehleli nje uphikisana nam. Into eqhelekileyo kukuba xa ungumama uyamlungisa umntwana wakho xa eziphethe ngokusa okulolu hlobo lukaLudwe, kodwa uLudwe akasoloko esazi ukuba kutheni esenza izinto ngohlobo olucaphukisayo kojongene naye kuba ukhubazekile....une autism . Kufuneka ndiphaphame lonke ixesha ndibesemandleni ukuze ndimelane nomsebenzi endlwini ndikwazi nokuchazela uLudwe ukuba kutheni na kungalunganga ukwenza ezi zinto azenzayo. Ngelinye ithuba sakuncokola banzi ngesi sifo nangoncedo esilufumanayo ukuze sikwazi ukulawula unyana wethu onesifo i autism. Ngenye imini uyakuqonda , kude kube ngoko , mna ndiza kuthi rhoqo ukuthandazela umonde nothando kangangoko ndinokuba nalo.

THANDOKAZI : Kha ufan'ucinge ke nawe mhlobo , ukuba kulukhuni njani ukusoloko unomonde nobubele kumntu ongazaziyo nokuba uyahlupha kuba akazenzisi.

NWABISA : Ewe kunjalo. Nathi boomama kaloku asigqibelelanga , sisenyameni nje ngomntu wonke . Kukho iimini apho ndidinwayo , okanye ndibe nomvandedwa , ndibe ndingaziva mnandi konke konke. Kungezi mini endivele ndibe luhlaza kumyeni wam nasebantwaneni bam ngakumbi uLudwe. Kutshanje undikhabe emlenzeni , watsala neenwele zikadade wabo wamwisa. Ndaziva ngathi kukho into eqhawukayo apha kum ngaphakathi. Ndathukuthela ngumsindo. Ndambamba ngesandla ndamndlandlathekisa ukumngenisa kwelinye igumbi. Ndatsala ezakhe iinwele , ukuze ave naye ukuba kunjani xa kutsalwa ezakhe. Ndasondeza ubuso bam kobakhe ndamkhwaza. Ndandiziva ndingalawuleki tu. Ndoyikisa bobabini abantwana bam , nam ndandothukile. Ndaba nesazela sendlela le endamgrwengxula ngayo uLudwe . Baqala bamoyika ngoku umama wabo - **mna ke**. Wakha walungisa umntwana wakho ngendlela eyakwenza uzisole ? Ndiyacinga ukuba umama ngamnye ukhe wazifumana ekule ngxaki. Akulula ukuba ngumama , andithi ?

THANDOKAZI : Hayi , akukho lula. Ngakumbi kumntu onje ngawe onomntwana onobulwelwe. Wenza ntoni ke xa ubona ngathi uza kugqabhuka ngumsindo kubantwana bakho?

NWABISA : Into esinokuyenza singoomama kukunika wonke umntu ithuba "lokuphuma " Ndithetha ntoni ngeli gama " ukuphuma" Lithetha ukuba abantu ababandakanyekayo kuqhushululu bayohlukaniswa, bathunyelwe kwindawo yokhuselo apho bangenakwenzakaliswa baze bakwazi ukucinga ngezenzo zabo . Ebantwaneni , umzali kufuneka athumele umntwana lowo egumbini lakhe lokulala , phandle ahlale kwisiqobo okanye kwenye nje indawo apho anokukwazi ukucinga ngezenzo zakhe kakuhle . Mxelele ukuba ufanele ukucinga ngento ayenzileyo nokuba kutheni ibingeyonto ilungileyo. Utsho ukuba awusoze umyeke nje , uza kumqeqesha.

THANDOKAZI : Oomama bona ababi nathuba lokuphuma bayokucinga ?

NWABISA : Ukuba uyakwazi ukuwubamba umsindo wakho , kungcono umlungise umntwana wakho ngoko nangoko. Kanti ukuba ucaphuka kakhulu kangangokuba awukwazi nokuzibamba , kungcono umthumele umntwana kwindawo yakhe yokuphumela xa kufuneka acingisise . Ngolu hlobo nobabini nifumana isiqabu sokuba kude nendawo yembambano kwaye ninokuzilawula kakuhle kungabikho kuhlasela ngamazwi amabi okanye isohlwayo sokubetha kakhulu. Xa uzinika

ithuba lokwethisa umsindo , ucinga ngendlela eyiyo yokulungisa umntwana , kungenza umahluko omkhulu ebomini bakhe , angatsho ayazi into yokuba awusoze umhle entloko nje. Nawe ingakunceda ungabi nasazela sokohlwaya kakubi kuba uyakube uqale ngokusicingisisa isohlwayo eso.

THANDOKAZI : Licebo elihle elo.

NWABISA : Ndakha ndeva ngomama owagqiba ekubeni athandaze nomntwana wakhe xa umntwana lowo ethe waziphatha ngendlela engalunganga . Wayemthi hlasi ngesandla athethele emazinyweni athi "Bawo nceda lo mntwana ulusizana nomama wakhe olusizi" Iyamangalisa ! Kodwa nyhani ke boomama , siziva kanje , anditsho ? Xa unethuba lakho lokuphuma , thandazela umntwana wakho , nawe uzithandazele. Cela ubulumko kuThixo ukuze ukwazi ukujongana nale nyewe.

THANDOKAZI : Okusalayo uThixo nguBawo noMdali wethu, kwaye wazi ngcono ukuba sifanele ukujongana njani nabantwana abagwilikayo .

NWABISA : Okokugqibela , ndingathanda ukuthetha **ngomahluko phakathi kwengqeqesho nempatho embi**. Ngamanye amaxesha, xa sinomsindo ebantwaneni bethu , singagqithisa xa siwukhupha. Sinokuqala ngokubalungisa ngendlela eyakhayo kodwa ukucunuka kungasikhokelela kwicala lokuphatha kakubi. Khumbula oku : **ingqeqesho iyakha kwaye iluncedo. Impatho embi iyatshabalalisa kwaye iyalimaza.**

THANDOKAZI : Kha uchaze kabanzi ngalo mahluko ophakathi kwengqeqesho nempatho embi , Nwabisa

NWABISA : Ingqeqesho ngundoqo wesohlwayo esinikwa xa kulungiswa isimilo somntwana . Inikwa ngobulumko , kwaye ilinganiselwa ngokobudala bomntwana nangokwempazamo leyo yomntwana . Nanku umzekelo wento endithetha ngayo - ukuba usevenkileni aze umntwana athathe ukutya okudwelisiweyo ezishelfini emva kokuba ubuthe "hayi" - ukumchwakaza esandleni bumtsweba kungabuyisa ingqondo yakhe azibone ukuba uyamosha. Kodwa xa ufumanisa ukuba umntwana wakho oneminyaka elishumi ubile kule venkile inye , ungafuna ukutshintsha indlela yokumluleka. Uyazi ukuba umntwana wakho lo uminyaka ilishumi uyazi ukuba buthetha ntoni ubusela nokuba akulunganga ukuba . Ukuba ufuna azibhatalele izinto azibileyo , uvume nakumnini wevenkile ukuba umntwana wakho ubile . Mhlawumbi ungamnika umsebenzi ekhaya ahlawule ngawo ngemali ayifumana kuwo, asebenzise imali leyo ukubhatala unovenkile , siyibonile le nyewe nje ngesohlwayo esakhayo. Nje ngomzali , kufuneka usebenzise isigwebo osicamangileyo ukuze umntwana wakho afunde kuso .

Impatho embi , siso nasiphi na isenzo esinokwenzakalisa omnye. Ukubabetha , ukubagxagxamisa , ukubabiza ngamagama , nokubalela ukuba benze izinto ezininzi , konke kungonakalisa impilo yomntwana umphelo.

THANDOKAZI : Omama kufanele ukuba baqeqeshe abantwana babo , kodwa bangaze

babaphathe kakubi.

NWABISA : Kunjalo kanye . Nje ngomzali , nam ndibanqwenelela okungcono abantwana bam. Andingethandi ukuba abantwana bam bathi xa bejonga emva ekukhuleni kwabo , bandikhumbule nje ngomama owayesoloko ebamemeza. Kodwa ndiyafuna ukubabona bengamalungu aqotho esithili sabo .Ndifuna bandikhumbule nje ngomama obathande ngokwaneleyo ngokokude abaqeqeshe kakuhle , ngendlela eyakhayo , hayi enobungonyama. Abakho lo maxesha endiba nomsindo ngakubo ndifune ukubalahlel'izandla , ndibancame xa bengasanyamezeleki , ndiziva ngathi ndishiywa ziingqondo. Xa ungandibuza ukuba yintoni endingathanda ukuyitshintsha ngobomi bam, ndingatsho ukuthi abantwana bam ndiyabathanda , nokuba ngumama kuyandanelisa. Thina boomama sidinga ukuba **nonyamezelo** .

THANDOKAZI : Omama bayaludinga nyhani , nomonde ngokunjalo.

NWABISA : Masikhumbule ukuba intlungu yanamhlanje , xa sisakhulisa abantwana, lulonwabo ngomso xa sebekhulile. Sifuna ukujonga emva singenakuzisola, sisazi nje ukuba ngoncedo lukaThixo siphumelele ukwenza esikwazileyo ukukwenza.

UMCULO

THEMBELIHLE : Kwinkqubo yethu iAmanenekazi eThemba namhlanje sivile ngokuba abantwana bethu esibathanda kakhulu , basibona njani ndlela le esiba ngathi siphungukile entloko ngenxa yabo. Inyaniso kukuba sonke asigqibelelanga ngokupheleleyo . Ukuba singaphantse sishiywe ziingqondo ngenxa yabantwana abancinane , kukangakanani kwezinye izinto. Iingcongconi , ibala elibi kwifenishala yam yexabiso , ukulindiswa nokungaphungi ikofu le ekuseni . Oku kukhokhelela kumba olandelayo. Besicinga ngokuba kutheni kufuneka sithandaze. uBukiwe uze kusinika izizathu eziliqela ezilungileyo zokuthandaza. ...

BUKIWE : Molo mhlobo wam. Makhe sichithe imizuzwana namhlanje sithetha ngomthandazo. Yintoni umthandazo ? Kutheni sithandaza nje ? Yintoni le ibalulekileyo ngokuthandaza ?

IBhayibhile ithetha kakhulu ngomthandazo kangangokuba kunzima ukwazi ukuba ungaqala ndawoni . Ndiza kuqala ndinibuze imibuzo. Ndicela uhlale phantsi , ukuba unakho , sicinge ngale mibuzo , ukuze siyiphendule kunye .

Ngaba unaye na umhlobo ? Ndiqinisekile unaye - omnye ; mhlawumbi elusatsheni - udade, umnakwenu , okanye umzala. Umaze njani umhlobo wakho ? Nithetha ngantoni ?

THEMBELIHLE : Ndiyakuthanda ukuncokola neetshomi zam .

BUKIWE : Nam ngokunjalo . Ngamanye amaxesha ufuna nje ukubaxelesa ngento oyenzileyo. Ubaxelesa nangendlela oziya ngayo ngezinto . Ungathabatheka ube sowuleqa ezihlobeni uye kuphalaza iindaba ezimnandi kubo. Unganxunguphala , okanye wophuke intliziyo ngenxa yokuthile , uya kumhlobo wakho akuthuthuzele . Zikhona ezinye izizathu ocinga ukuba umele

ukuthetha nomhlobo ngazo?

THEMBELIHLE : Zininzi izizathu . Yinto entle ukukwazi ukuthetha nomhlobo ngezinto ezibalulekileyo kuthi

BUKIWE : Ewe , ungafuna nje ukuxelela umhlobo ukuba umthanda kangakanani . Okanye ufuna ukucela okuthile. Mhlawumbi uncedo , okanye ingxaki onqwenela ukuxoxa ngayo nomhlobo wakho. Umhlobo wakho mhlawumbi anganawo amacebo anokukunceda ucombulule ingxaki yakho. Mhlawumbi akubalulekanga kakhulu ukuba akuncedise ucombulule into ekuhluphayo , ufuna nje umntu oza kumamela.

THEMBELIHLE : Mmm..! Yinyaniso leyo. Xa uxelela umhlobo wakho ngengxaki yakho akuphulaphule aze ayiqonde , uziva ngcono kwa oko , nakuwe kuba njalo andithi ?

BUKIWE : Mhlawumbi ufuna ukubulela umhlobo wakho ngento akwenzele yona. Kule veki , umhlobo wonyana wam ufikile kwam eze kuncedisa ukucanda nokususa imfumba enkulu yeenkuni . Basebenze kunye iiyure ezininzi . kukho intetho ethi " Umhlobo wenene ngulowo uba kho xa umdinga" Oko kukuthi , umntu ozimiseleyo ukuba ngumhlobo wakho xa udinga uncedo , ngumhlobo wenene. Lo mhlobo wonyana wam uthe rhoqo ukusinceda xa kukho into ebalulekileyo okanye enobunzima ekufuneka siyiqabelise. Ndiye ndaqinisekisa ukuba ndiyambulela kwaye ndiyamncoma ngokunjalo kuba usoloko ekuvuyela ukunceda .

Inokuba kutheni bethu le nto ndithetha ngabahlobo kubeni bendithe siza kuthetha ngomthandazo ? Kazi ukwazile na ukuqikelela mphulaphuli.

THEMBELIHLE : Ngaba mhlawumbi kungoba ukuthandaza kukuthetha noThixo.?

BUKIWE : Eh.. iBhayibhile isixelela ukuba uThixo usidalele ukonwabisa yena - ukuba sibe ngabahlobo bakhe , ithi "Ufanele, Nkosi ,ukwamkela uzuko, nembeko , namandla ; Ngokuba inguwe owadala zonke izinto , Nangenxa yokuthanda kwakho zikho , zadalelwa oko." (Isityihilelo 4 : 11) wow ! KwiNdumiso ithi "Ngokuba uYehova uyakholiswa ngabantu bakhe "(Indumiso 149 : 4) kwakhona iNkosi iyandonwabela. Usidale mna...nawe , ukuba sine ngabahlobo bakhe . Ukuba uThixo ufuna ukuba ngumhlobo wethu , ufuna ukuba sithethe naye. Uba ngumhlobo wakho njani umntu ongathethiyo nawe ? Akakwazi anditsho na ?

THEMBELIHLE : Kodwa , kwabanye ,uThixo ubonakala ngathi ungumhlobo kubo .

BUKIWE : Ngoku ke nanku omnye umbuzo. Unokuziva ngolu hlobo ibe ucinga ukuba kwenzeka njani ukuba kube ngathi uThixo akangomhlobo wam ? Mhlawumbi uyamoyika uThixo . Mhlawumbi waxelelwa ukuba uThixo ufuna ukukohlwaya ngezinto ezimbi ozenzayo.

Masibuyele ekuqaleni kwezinto , ngexesha lokudalwa kwethu nguThixo. ILizwi likaThixo, isazisa kwincwadi yokuqala, igenesis, konke okumalunga nokudalwa kwehlabathi, umhlaba , ulwandle , izulu , izityalo, izilwanyana ,waza wagqibela ngendoda nomfazi. UThixo wababeka aba babini

esitiyeni esihle , waza wahamba hamba nabo , wabancokolisa nje ngabahlobo bakhe . Wabanika imiyalelo ebaxelela ukuba batye nantoni naesitiyeni ngaphandle kweziqhamo zomthi othile. Ibali elo unokuba uyalazi . UThixo wanika le ndoda nalo mfazi ithuba lokukhetha ukumthobela okanye hayi. Kulusizi ukufumanisa ukuba akhetha ukwenza kunye le nto babeyalelwe ukuba bangayenzi . Ubuhlobo babo noBawo baqhawuka ngalo mzuzu bangabi sakwazi ukuhamba nokuncokola naye nje ngakuqala . Yaba yindlela esangena ngayo isono ehlabathini , nosizi neenkathazo. Abantu bohlukana noThixo . Lathi ngokuya likhula inani labantu ehlabathini , uThixo waxelela abantu bakhe ukuba benze amadini ukusula iizono zabo . Babelindeleke ukuba babulale isilwanyana esigqibeleleyo banikele ngaso nje ngombingelelo entendelezweni , ukuze igazi laso elichithekileyo lingazigquma izono zabo kuThixo.

THEMBELIHLE : UThixo wayesenza indlela yokuba abantu balungise unxulumano lwabo Naye.

BUKIWE : Ewe , kodwa , uThixo wayesele ebone ngaphaya kuba wayenecebo lokuhlaziya unxulumano awayenalo nabantu ntlandlolo. Wathi uThixo... " **Nokuba izono zenu zide zavela zanjengengubo ebomvu , zoba mhlophe njengekhephu ; nokuba zide zayingqombela njengebala elibomvu , zovela zinjengoboya begusha ."** (uIsaya 1: 8)

Lathi lakulunga ixesha , weza emhlabeni uThixo , enguNyana wakhe uYesu. Elinye lamagama aziwa ngawo uYesu eBhayibhileni ngu" **Emmanuel**" othetha ukuthi ' **uThixo unathi**' UYesu waba lidini elifezekileyo lezono zethu ukuze abantu babenokubuyela kuThixo babe nonxulumano olulungisiweyo kwakhona naye. Akusayi kubakho wambi amadini. Ithi iBhayibhile ...Ngoku singalonwabala unxulumano olumangalisayo lwethu noBawo - ngenxa yako oko sikwenzelwe yiNkosi yethu uYesu Kristu , ngokusenza abahlobo bakaThixo. Akumangalisi na mphulaphuli , ukuba uThixo , uMdali wethu usafuna ukusenza abahlobo bakhe !

THEMBELIHLE : Yiyo le nto uThixo efuna sithandaze kuye .

BUKIWE : Ewe . Okokuqala ,ufuna umbulele ngokusithumelela uYesu aze kusifela ukuze sibuyele kuye sibe ngabahlobo bakhe. Ufuna ukholwe kuye use umthembe njengokuba umthemba umhlobo wakho osenyongweni. Kwakhona , kuba ungumhlobo wakhe ,ufuna umbalisele ngendlela oziva nayo - uvuyo lwakho , neentsizi zakho. Ufuna ukukunceda xa uneengxaki. Ufuna umncokolele ngezinto ezikukhathazayo ngaphakathi kuwe neentsizi zakho. Ufuna ukukuthwalela zona ahambe ecaleni kwakho.

THEMBELIHLE : Mhlobo , mhlawumbi zange uthandaze kuThixo ngaphambili . Ungathanda na ukuqala ngoku ukuthandaza kuye ?

BUKIWE : Ewe ungathandaza lo mthandazo kunye nam

Bawo othandekayo,

Enkosi ngokundidala waza wandenza umhlobo wakho. Ndiyabulela ngokuthumela uYesu ukuze andifele , kuhlaziyeke unxulumano lwam Nawe. Ndifuna ukuba ngumhlobo wakho. Ndinqwenela ukufunda ukuthandaza kuwe nokuphila ubomi bam nawe. Nceda ndincedise

*ndikwenze oku. Ndiyabulela Bawo , kuba uyazikhathaza ngeengxaki zam zemihla ngemihla.
Ndithandaza egameni likaYesu. Amen .*

THEMBELIHLE : Sibhalele mhlobo. UZiyolise ngoYehova !